

Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric



Collected and collated by

teachme2



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2022

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha asi-8.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(40)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(20)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
 - ICANDELO A: Imizuzu engama-75
 - ICANDELO B: Imizuzu engama-38
 - ICANDELO C: Imizuzu engama-37
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150–180. Sebenzisa imizuzu engama-75 kweli candelo.

UMBUZO 1

- | | | |
|-----|--------------------------------|-------------|
| 1.1 | Imini yemidlalo esikolweni sam | [40] |
| 1.2 | Umculo endiwuthandayo | [40] |
| 1.3 | Ipati yomhla wokuzalwa kwam | [40] |
| 1.4 | Ndahleka kakhulu loo mini | [40] |

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.5 OKANYE 1.6 OKANYE 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.5



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.picell.google.co.za]

[40]

1.6



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.dreamtime.co.za]

[40]

1.7



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-racepoul.co.za]

[40]

1.8



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-earthernet.za]

[40]

AMANQAKU ECANDELO A:

40

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-38 kweli candelo.

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umama okanye utata wakho ileta ubulele ngemali akuphe yona yokuthengela umhlobo wakho isipho.

[20]**2.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela inqununu yesikolo sakho ileta uxele ukuba kutheni ungayingenisanga ngethuba i-asayimenti yakho kutitshala.

[20]**2.3 INGXELO EMFUTSHANE**

Bhala ingxelo emfutshane oza kuyenzela abafundi beklasi yakho ngengxoxo-mpikiswano (ngedibheythi) ebeninayo nabafundi besinye isikolo.

[20]**2.4 IRIVYU**

Bhala irivyu yerestyu (restaurant) obuye kutya kuyo nosapho (nefemeli) yakho.

[20]**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-37 kweli candelo.

UMBUZO 3

3.1 IFLAYA

Bhala iflaya wazise ngeeseshini zejim (gym sessions) eziza kuqhuba esikolweni sakho.

[20]

3.2 UMYALEZO OMFUTSHANE KA-WHATSAPP

Bhala umyalezo ka-WhatsApp oya kwiqela labafundi beklasi yakho ubakhumbuze ngomsebenzi ekufuneka niye kuwenza elayibhrari ongena kusuku olulandelayo.


[20]

3.3 IZALATHISI

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho indlela esuka eTrain Station eya eHigh School. Landela iintolo (arrows) ezisemephini.

[20]

QAPHELA: IMEPHU EHAMBA NOMBUZO 3.3 IKWIPHEPHA ELILANDELAYO.



AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80